Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeencwadi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: ISihobe (30)
   ICANDELO B: INoveli (25)
   ICANDELO C: IDrama (25)

4. Phendula IMIBUZO EMIHLANU:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   IMIBONGO ENGAMISELWANGA – Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO B: INOVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEEMPENDULO KUMACANDELO B (INOVELI) NO-C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.
   - Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.
   - Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) ukukuncedisa.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo emide kwiSihobe mayiphendulwe ngamagama angama-240.
   - Imibuzo kumacandelo eNoveli neDrama mayiphendulwe ngamagama angama-390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku.
   - Abalingwa mabathi ngqo babe semxholweni kwiimpendulo zabo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

7. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

11. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**IPHEPHA LESIQULATHO:**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. Intlakohlaza | Umbuzo omde | 10 | 6 |
| | **OKANYE** | | |
| 2. UVukani madoda kusile | Umbuzo omfutshane | 10 | 7–8 |
| | **OKANYE** | | |
| 3. UNkosana 'The Happyboy' Mgxaji | Umbuzo omfutshane | 10 | 8–9 |
| | **OKANYE** | | |
| 4. Imbongi yesizwe | Umbuzo omfutshane | 10 | 9–10 |
| | **KUNYE** | | |

**Imibongo engamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 5. Indlala inamanyala | Umbuzo omde | 10 | 10 |
| | **OKANYE** | | |
| 6. Indlala inamanyala | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |

**ICANDELO B: INOVELI**

**Phendula umbuzo omNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 7. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omde | 25 | 12 |
| | **OKANYE** | | |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12–14 |
| | **OKANYE** | | |
| 9. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omde | 25 | 14 |
| | **OKANYE** | | |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 14–16 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo omNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 11. *Amaza* | Umbuzo omde | 25 | 17 |
| | **OKANYE** | | |
| 12. *Amaza* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17–19 |
| | **OKANYE** | | |
| 13. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omde | 25 | 19 |
| | **OKANYE** | | |
| 14. *A-a-a! Jongumsobomvu!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19–20 |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|
| A: Isihobe (Imibongo emiselweyo) | 1–4 | 2 | |
| | **OKANYE** | | |
| A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga) | 5–6 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE omfutshane) | 7–10 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane) | 11–14 | 1 | |

**QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli***

**IMIYALELO**

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo nomNYE ongamiselwanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo emiBINI okanye naziphi na izibongo eziBINI ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-240 amagama.

**IMIBONGO EMISELWEYO**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Chaza indlela imbongi eyisebenzise ngayo imiqolo ekrwelelwe umgca ekuphuhliseni umxholo walo mbongo ungezantsi.

**INTLAKOHLAZA – JJ Jolobe**

Ntlakohlaza, siyakubulisa!
Mvuseleli, sithi utyaph'ufike.
Luhl'uhlaza olwambes'umhlaba,
Neentyantyambo ezigqagqeleyo.

Ubulusizi umhlaba ukhedamile,
Uxwebil'uhlininika, umbi-
Namhla uyancuma, uyahleka,
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ubugugile wambeth'amajacu,
Uneentloni, amehlo ejonge phantsi;
Wawambesa, wanjengomtshakazi.
Ntlakohlaza, siyakubulisa!

Ibisozela yonk' into eyindalo;
Mphaphamisi uyivuse yonke.
Emithini isandi seenyosi
Neseentaka asiswelekanga.

Yonwabile nayo imifula,
Iyadloba ngokwamatakane,
Ihlokoma, idanduluka isithi,
'Ntlakohlaza siyakubulisa'

**[10]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV Mzukwa**

'Ndikhumbul' eNxu-u-ba,'
Watsh' uVukani madoda kusile,
Wathi makuthengw' eyekak' ibhlukhwe;
Yatsh' int' ekhonya ngamava,
Yatsh' ixel'isifingo sokusa.

<u>Nkunz' edla kamnandi yedla neemazi,</u>
Nkunz' eyaziwayo yaziwa ngamathole.
Yaqhwaya madod' izihlamb' emgqubeni,
Yancedis' ukufun' isitshix' emfungu-mfungwini.

'Tyhini, tyhini le kwedini,
Yaz – yaz'kub' uzenz' umntu'
Yatsh' int' enkul' isongela,
Isongel' igatyan' elincokolis' eny' intokazi.

Wubon' uzigwagwisa kwiintokazi,
Wubon' usakha amaxhaka,
Wubon' udlisela ngobungangamsha,
Gqi indun' enkulu usapho luyashiywa

'MaMpehle, ma-Mpehle ni-ni nisindile?'
'Xa, xa-xa bekutheni?'
'Ndakubetha, nda-kubetha'
'U-u-usile, u-u-usile' zatsho iintokazi zintyontyela.
Wakhony' emnyang' emini,
Wagxothwa kub' ubiz' iindwendwe kulanjiwe,

Awu kamb' iintsuku zihambile,
Mqhagindini uxatyisiwe.
Wotshindini yakowethu uyathandwa,
Ndatsho nam ndancoma.

2.1 Chonga umqolo otolika isandi sokukhala komqhagi kwisitanza soku-1. (1)

2.2 Sesiphi isixhobo sohlalutyo esisetyenziswe ekuqaleni komqolo wesi-2 nowesi-3? (1)

2.3 Tyhila intsingiselo yomqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kumhlathi wesi-2. (1)

2.4 Luphembelela yiphi imbono ukhetho lwegama, 'emfungu-mfungwini' kulo mbongo? (1)

2.5 Msebenzi mni owenziwa luphindaphindo kumqolo wesi-6 nowesi-7? (1)

2.6 Ushiyo lwesikhamiso olufumaneka kwisitanza sesi-3 lusetyenziselwe ntoni? (1)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.7 Izivuselela njani imbongi iinkolelo zezentlalo kwisitanza sesi-5 kulo mbongo? (1)

2.8 Xela uvakalelo oluboniswa nguMampehle xa esithi, 'Xa, xa-xa bekutheni'? (1)

2.9 Mfundiso ni edluliswa yimbongi kubafundi kulo mbongo? (2)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatstshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UNKOSANA 'THE HAPPYBOY' MGXAJI – N Thuthani**

........................................................................................................................

Uzitshayel' ezoMzantsi Afrika khucu,
Ezinqumamis' esithubeni ingagqityw' imijikelo,
Sakhony' isilo esimpondo zingxakangxaka singenantanga,
Satshotsh' entla sibhavumla siqwenga okusendleleni,
Igazi lidloba ecel' umngeni, zakhwenyel' imisila ezeli.

Xa igqugqisil' ekhaya yakhonjwa kwezaphesheya,
Yabhong' igqubel' ezaphesheya kwamanz' iinkunzi,
Yacel' umngeni nakwezo izidaphula ngophondo,
Kungugqwaka-gqwaka zakuhlangana ngeempondo,
Ivova into kaMgxaji eqongeni iphatha kunkqwila-nkqwila.
Awukubonang' ukutshila kwentambanani,
Wen' ungakubonang' ukunkqwila-nkqwila kukaMgxaji,
Ephepha-phepha edlal' ezintanjeni ephephuka,
Eligang' iqonga ee jaju phaya ngobuchul' obumangalisayo,
Athi cebu kuhle aphathe kuvova,
Ekhulul' imvula yamanqindi ngokuthawuza,
Wayibek' iMonti emagqabini nakubeni bengayifuni...

Uzidaphul' ezaseTshayina zatoshatosha,
Uziphambanisile ezaseMelika zaqhana,
Wazibhovuza nezaseNgilane zee folokohlo,
Alandul' amaFrentshi athi ayingangawo,
ElaseRashiya labhebhetha lathi lisakhand' izikhali!!

3.1 Chonga umqolo ophuhlisa ukuba okaMgxaji walwa ezoyisa iimbethi-manqindi zoMzantsi Afrika? (1)

3.2 Kuveza ntoni ukuphindaphindwa kweziqu zamagama u 'gqwaka-gqwaka' no 'nkqwila-nkqwila' ngentshukumo kaMgxaji? (1)

3.3 Nika indlela efana ngayo imqolo 6–8 ngokwesakhiwo sayo. (1)

3.4 Yintoni injongo yembongi ngokunxulumanisa indlela alwa ngayo okaMgxaji nentaka intambanani? (2)

3.5 Tolika intsingiselo etyhilwa sesi saci 'satshotsh' entla'. (2)

3.6 Xela isafobe esisetyenziswe yimbongi xa ichaza indlela alwa ngayo okaMgxaji isithi, 'Ekhulul' imvula yamanqindi ...' (1)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.7 Nguwuphi umfanekiso-ntekelelo oveliswa ligama, 'wazibhovuza'? (1)

3.8 Ludidi luni lombongo olu? (1)
**[10]**

**OKANYE**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**IMBONGI YESIZWE – uSEK Mqhayi**

Anivanga na ukuba ihambile iMbongi yeSizwe?
Anazi na imke ngenqwel' egoqoz' emafini?
Kunamhla seyimana isalatha inqwal' iwisa
Ithe wambi umnweba wemisebenzi encamisa
Iphethe intshuntshe nomnqayi wokholo
Umthiyi-magama akasele emthe jize na
Ngesibuliso sozuko uMesiyasi edumisa?
Ufudukile umphakathi enxuweni elidala.
Umkhonzi weenkosi akakhonzi eBhotwe na namhla?
Imkile intw' enkulu yaseMazimeni,
Usomfekethwana zooBy George kwaMelani,
Uwela uMlambo kant' uza neTyala lamawele,
Unxanel' imfundo wasel' emthonjen' eLovedale,
<u>Untonga yaqingqwa ngumCirha kwaGompo,</u>
Uqegu limandla lathwal' iinzima zakwaNdlambe,
Usiba lunomda kwiZwi laBantu kwaneMvo
Untetho yatsala ooBhene noNgqatyana
Ugxanyaza wadlul' eDikeni wee xha eMncotsho.
Ngumzila obonwa kubazili beNene
Usikhundla sikoZikhumbuzo zooNtsikana
Usakhono siselusibeni ngeencwadi
Ugama lifukanyw' ezintliziyweni zeemfundi
Ntab' oZuko kwaNdlambe asinxuwa lakhe na?
Ntab' oZuko akuwongekanga na namhla?
Ngaphantsi kwakho zodlul' iinqwelo zomlilo
Zibeleke izizululwana zoluhle lweAfrika.
Ziya kwalathisana ngawe kwimihla ezayo
Zisithi kulaph' ekulele umThembu omatshamba
Ingqangangqanga yentetho yesiXhosa,
Ubharhumla ngokwengonyama xa abongayo,
Umazwi aluncuthu kwabafundisisayo
Umhlahli-ndlela ngegalelo lokubhaliweyo
Into kaMqhayi iMbongi yeSizwe Jikelele.

4.1 Thiya igama isafobe esifumaneka kumqolo woku-1? (1)

4.2 Nika intsingiselo yomqolo wesi-2. (1)

4.3 Ukusetyenziswa kwegama, 'encamisa' kunafuthe lini kokuphuhliswa yimbongi ngoMqhayi kumqolo wesi-4? (2)


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.4 Yintoni ebonisa ukuba okaJolobe unolwazi ngenkolo yobuKrestu kulo mbongo? (1)

4.5 Chonga umqolo othetha ukuba uMqhayi umkile kwindawo awayakhe kuyo. (1)

4.6 Iphuhlisa ntoni indlela imbongi eluveze ngayo udaba lokusweleka kukaMqhayi kumqolo we-10? (2)

4.7 Beka ngawakho amazwi umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

4.8 Xela umfanekiso-ntekelelo ophuhliswa ligama, 'Ubharhumla ...' kumqolo wama-30? (1)
**[10]**

**KUNYE**

**IMIBONGO ENGAMISELWANGA**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

Cazulula indlela esiyiphuhlisa ngayo intsingiselo isigama esibhalwe ngqindilili.

**INDLALA INAMANYALA – N Vaphi**

Kumzi othile **kwangorhatya lwemivundla**,
Kukhanyise **ulozi-lozi** womlilo eziko.
Phezu kwawo kuthe xikiva imbiza yomqa,
Iziko lirhangqwe ngumninimzi nosapho.

**Iqhashumbile intlantsi yee nca** kwintwazana.
Yatsho ngesikrakra esavusa imveku ebizilalele.
Kuthe kanti iwudilizile umthangala.
Kuba yayilaliswe **kukukhatywa yinkawu.**

Kaloku indlala yayibomvu,
**Umkhosi usidla amahashe,**
**Umhlaba uluqweqwe lweqebedu**,
Iinkomo zilala zingavuki.

Sivakele **isirhogolo** siphelekwa nguloo cimi-cimi.
Isukumile indlezana yathatha iphini yabonda.
Ithe yakugqiba, **yakhothuluza** ngomnwe yasa emlonyeni.
Ivakele ingwiqi ebantwaneni, saphinda satsho isikhalo komnci.

Uthe xa ephinda ebonda umfazi,
**Yathi xhwii** elo phini indoda yabonda ngokwayo.
Nayo ayiziyekelanga, iye yasebenzisa elenkosikazi,
Yasebenzisa eyayo iminwe yagibisela eso sigaqana emlonyeni.

Kobu buthuba **utakile umfazi, wayithi xhakamfu,**
Ngelakhe exhiphula esoxutha iphini.
Kuthe kanti akavumisanga, engabhulisanga futhi.
Yangunomji ngaseziko kujijiswana ngephini.
**[10]**

**OKANYE**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INDLALA INAMANYALA – N Vaphi**

Kumzi othile kwangorhatya lwemivundla,
Kukhanyise ulozi-lozi womlilo eziko.
Phezu kwawo kuthe xikiva imbiza yomqa,
Iziko lirhangqwe ngumninimzi nosapho.

Iqhashumbile intlantsi yee nca kwintwazana.
Yatsho ngesikrakra esavusa imveku ebizilalele.
Kuthe kanti iwudilizile umthangala.
Kuba yayilaliswe kukukhatywa yinkawu.

Kaloku indlala yayibomvu,
Umkhosi usidla amahashe,
Umhlaba uluqweqwe lweqebedu,
Iinkomo zilala zingavuki.

Sivakele isirhogolo siphelekwa nguloo cimi-cimi.
Isukumile indlezana yathatha iphini yabonda.
Ithe yakugqiba, yakhothuluza ngomnwe yasa emlonyeni.
Ivakele ingwiqi ebantwaneni, saphinda satsho isikhalo komnci.

Uthe xa ephinda ebonda umfazi,
Yathi xhwii elo phini indoda yabonda ngokwayo.
Nayo ayiziyekelanga, iye yasebenzisa elenkosikazi,
Yasebenzisa eyayo iminwe yagibisela eso sigaqana emlonyeni.

Kobu buthuba utakile umfazi, wayithi xhakamfu,
Ngelakhe exhiphula esoxutha iphini.
Kuthe kanti akabhungisanga futhi.
Yangunomji ngaseziko kujijiswana ngephini.

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 | Leliphi ixesha, urhatya lwemivundla? | (1) |
| 6.2 | Cacisa umfanekiso ngqondweni ozotywa sisifanekisozwi u-'xikiva'. | (1) |
| 6.3 | Tolika okuqulethwe ngumqolo wesi-8. | (1) |
| 6.4 | Safobe sini esisetyenziswe ngumbhali kumqolo we-9? | (1) |
| 6.5 | Lithetha ukuthini igama 'isirhogolo' ngokwalo mbongo? | (1) |
| 6.6 | Wahluka njani umhlathi wesi-3 kowe-4 ngokwesakhiwo sombongo? | (2) |
| 6.7 | Avuselela yiphi ingcinga amagama asetyenziswe kwisitanza sesi-5 ngemeko eyayiqhubeka kweli khaya? | (1) |
| 6.8 | Mfundiso ni efumaneka kulo mbongo? | (2) |
| | | **[10]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO B: INOVELI**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwinoveli ayifundisiweyo) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama ayifundisiweyo). Ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Kule ncwadi izinto ziphume apho bekungalindelekanga khona. Phuhlisa oku ngokubonisa indlela ubomi bukaThole obuthe batshintsha ngayo. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zeencwadi zingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

Lathi liphuma elangoMvulo waye uThole eyibophe yancinci eyakhe engasafuni kuva nento ngeBhayi. Waya esitishini seeteksi efuna ukubamba eziya kwesikaloliwe abambe osinga emaXhoseni. Uthe esazula-zula ekhangela weva ngelizwi likaThemba limkhwaza, 'Yintoni ntang'am iyaphi le ndlela?' Wanga angavala iindlebe akuliva elo lizwi. <u>Lazinga ilizwi limkhwaza</u>, wada waneentloni wabona ukuba makangambonakalisi ukuba ucinga ntoni na ngaye.
'Mfondini ndithetha nawe, ndithi iyaphi na le ndlela?' Uphindile watsho ebuza uThemba.
'Tyhini! Nguwe ntang'am? Andiqondi ndiva nje kwamntu ukhwazayo. Kaloku kuyaphithizela abantu baninzi. Ndiyagoduka,' watsho ukuphendula uThole.

'Khwela ke sihambe yiyole imoto besifuna nje umntu abe mnye,' watsho uThemba evula ucango lwemoto. 'Nguye lo?' wabuza umqhubi ejonge kuThemba. 'Ewe'! watsho uThemba ngelizwi eliphantsi.

Wawuva lo mbuzo uThole akawunabela nganto. Ukusuka apho bathi phinye-phinye edolophini bathi bakuba ngaphandle kwedolophu wemisa umqhubi esithi, 'Niya kundinceda ngemali ke zinkosi ukwenzela ukuba ndikwazi ukutha amafutha endleleni. 'Yimali ni mhlekazi?' Wabuza uSonwabo. Zakuba ne zibe neshumi mhlobo wam,' watsho umqhubi. Awa engxoweni kwangoko amadoda.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.1 Chonga ibinzana elibonisa ukuba uThole wayesel' ezilungiselele ukugoduka. (1)

8.2 Yintoni eyabangela ukuba uThole alishiye elaseBhayi? (1)

8.3 Ungasitolika njani isenzo sikaThole sokunga angavala indlebe zakhe xa esiva uThemba emkhwaza. (2)

8.4 Myalezo mni ofuna ukudluliswa ngumbhali ngombuzo womqhubi othi, 'Nguye lo?' (2)

8.5 Kutheni uThemba ephendula umqhubi ngelizwi eliphantsi? (2)

8.6 Khetha impendulo echanekileyo. Xa ujonga indima edlalwa nguThemba kwesi sicatshulwa singathi:

A Ungumlinganiswa oyintloko
B Ungumlinganiswa ongumxhasi
C Ungumlinganiswa onguvalithuba
D Ungumlinganiswa oliqhawe (1)

8.7 Likuliphi inqanaba lesakhiwo ibali kwesi sicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

8.8 Tyhila isigqebelo esisetyenziswe ngumbhali kuhambo lukaThole nabahlobo bakhe olusuka eBhayi. (2)

8.9 Ngqina indima edlalwe yinkolo yesintu nenkolo yobuKrestu ebomini bukaThole eKnysna. (4)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

Yathi isiya kuphuma ekugqibeleni kwisitalato sokuqala le ngoma kwaye sekulibubu labantwana emva kwabavumi, wena wakha weva ngoMvutheli-xilongo waseHamelin. Wamana ukumisa uMangaliso ebuza kwababekrobe eminyango nasezifestileni umbuzo omnye, **'Nicinga ntoni na ngoYehova bantu baseGeorge Goch?'** atsho aqhabalake eshumayela ebuchaza ubungangamsha bukaYehova, ebamema ukuba baye esangweni lelokishi apho wayezimisele ukubamba khona inkonzo ngaloo ntsasa. Wathi kanti lo mbuzo awuwi elulwalweni kuba kwathi eyigqiba ilokishi kwaye kungasebantwana bodwa ababemlandela, sekukho nabantu abadala, bengene ngamandla engomeni eyayincediswa yikhodiyane, bathe bakuyigqiba ilokishi wabakhokela umfo wasemaKwayini esiya kuphuma kwisango lelokishi eyitsala ikhodiyane yakhe, emana ukuhlala ahlale adanduluke ebuza umbuzo omnye, 'Nicinga ntoni na ngoYehova?' atsho ancume umfo omkhulu ehamba phambili kweso sihlwele wayesikhokele ecengceleza amazwi angentla kwalo mbuzo kwincwadi kaNahum ekhwaza esithi, uYehova ulungile, uligwiba ngemini yembandezelo; uyabazi abazimela ngaye. Ke uyayiphelisa indawo yayo ngomkhukula ehamba phandle, azisukele iintshaba zakhe emnyameni. Nicinga ntoni na ngoYehova? ...

Bafika kwisiza samaWesile sekuzele amaxhego namaxhegokazi ... okuhla enyuka abona ukuba makabekelele apho ayemenyelwa khona: ...


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.10 Yintoni eyayibangela ukuba uMangaliso alandelwe libubu labantwana? (1)

8.11 Galelo lini elenziwe ngabefundisi kubomi bukaThole ngexesha asesikolweni? (1)

8.12 Bobuphi ubuchule obusetyenziswe ngumbhali ukuhlanganisa uThole noyise awamgqibela kudala? (2)

8.13 Le mvuselelo yenziwa nguMangaliso ingaba iveza ntoni ngesimo sentlalo sale ndawo? (2)

8.14 Ingaba uMangaliso wayifeza iminqweno yakhe ngeGeorge Goch? Xhasa impendulo yakho ngokukhankanya izinto zibe mbini. (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Kule ncwadi izinto ziphume apho bekungalindelekanga khona. Phuhlisa oku ngokubonisa indlela ezithe zatshintsha ngayo iimeko zikhokelwe liqhawe elinguMfazwe. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda esi sicatshulwa singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

<u>Ndandifuna ukuthi kuGaba andingongcothoza namrhubuluzi</u>, kodwa anqaba ukuphuma emlonyeni amazwi. Ndathula ndathi cwaka, ndamamela umgqumo wezithuthi owawusitsholo kude. UTat'uGaba ndandimthanda ngento enye, wayengandoyiki, endibuza nantoni na kunjalo nje engagwegwelezi. Xa sincokola sizihlalele, ndandiye ndimqhule ngoku kumana egxothwa ezintlanganisweni apha elokishini, kuba kusithiwa uyabhoxa, akanandlela iphucukileyo yakuthetha … Ndithe ndakungaphumi nanto, waqokela. 'Le nto yenzeke phezolo.' Akutsho ndiphakamise intloko ndamjonga, wangena wabalisa into naye athi uyive ithethwa. Kuthe kusisa ngosuku endandibanjwe ngalo, yabe seyithe ndi elokishini into yokuba zindithathile izinja zasemthethweni. **Ulunywe kwangoko umzi, yankulu incwina,** lathi lisithi thaphu ilanga kwabe sekucacile ukuba kuza kuqhawuka kuhlangana. Le nto ibonakele kwindlela abantwana baseFunda, isikolo esiya sam abahambe ngayo ukuya esikolweni. Bahambe beziziqhu ngeziqhu. Zithi zakudibana zenze esinye esikhulu, neso sakudibana nesinye sikhule ngendlela eyoyikisayo. Bathe besiya kungena esikolweni, babe sebelibubu elinye elimnyama, isitsho ingoma, beqhuqha ukubaleka oku kwenkwenkwe etshotshayo. Uphume umzi wathi chasi, noTat'uGaba akabi nakuzinza, wafana wayama ngocingo amehlo ewabhekise kwicala elinesikolo esibusithela apho emzini wakhe.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10.1 Chonga ibinzana elibonisa ukuba kwaba nzima ukuthetha kuMfazwe xa wayebuzwa ngutata uGaba ngobungcothoza. (1)

10.2 Ufuna sicinge ntoni umbhali ngokwakusenzeka kwaQaka ngokusebenzisa ibinzana 'ulunywe kwangoko umzi'? (1)

10.3 Utat' uGaba uzotywe wangumntu onjani kwesi sicatshulwa? (1)

10.4 Sebenzisa ulwazi lwakho lwezinto ezehle ngaphambili ebalini ukuphendula umbuzo kaTat' uGaba ongaphendulwanga nguMfazwe. (2)

10.5 Imo yezulu emaxongo ngomngcwabo wooKK namanye amaqhawe isityhilela ntoni ngesimo sentlalo sakwaQaka? (2)

10.6 Khawuchaze ngokufutshane ukuba yintoni le athi uGaba kuthiwa yenzeke phezolo. (1)

10.7 Myalezo mni odluliswa ngumbhali ngamapolisa xa esithi '... izinja zasemthethweni'. (2)

10.8 Imeko yezopolitiko iwuchaphazele njani umzi wakwaQaka ngexesha lokubulawa kukaKK eseluvalelweni? Cacisa oku ngeengongoma ezimbini. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

| |
|---|
| Makwedini ze niyixele into enindifuna yona, naza kundigezela emzini wam ndilele, ninyangani? Kwakucaca ukuba lisemsindweni ixhego. Kuphinde kwalandela ukuhumzela endingakhange ndibe nokubuva ukuba bubhekisa ngaphi na, kodwa into elandelayo ibe kukucima kwesibane. Ntaru, ntaru zaphuma zilandelelana ezi zinto zaza kujikela kweli cala ndikulo. Abathathu kubo babegungxe izankwana ezimnyama befihle ubuso, uFriday esakhe esiphethe ngesandla. Yayiyintoni ke, ndandingamqhelanga nokumqhela nje? Nalapha ekuhlaleni nasekukhuleni azizange khe zingqubane iindlela zethu. Wayengenguye namntu usoloko ekho ephakathi komzi lo, into yakhe ikukuphala apha esithubeni, ungasoze umbone nangeempelaveki. Yinto yokubambelana ngoNokuzola mhlawumbi? Ndandisendizigqibele leyo into, ndingakhathalele kufuna bungqina kunjalo nje. Hayi, ayinakuba sisizathu eso. Mna ndandisabetha ngezikaTshiwo, ngelixa yena wayesele etyibilika ngeempundu. Wayenezinto, ngelixa mna ndandisaziwa ngeeziya bhrukhwe zinga, kunye neehempe ezinga. Zizinto awayenazo ezazibangela ukuba aziwe njengomnye woodlalani apha abathile. Into awayenokusuka ayenze kukumhlutha naloo Nokuzola wam webhongo, aphinde amlahle akuva ethanda, ibe ngathi akwenzekanga nto. Bagxalathelana ukuya kulaa moto ndandisakuquthuma kuyo, bafika bakhanyisa, bobane sebekhuphe imikhono yekati, kucacile ukuba bafuna ukumcima igama lowo babemzingela, umna. |

10.9 Likuliphi inqanaba lesakhiwo ibali kule ndawo? (1)

10.10 Tyhila isigqebelo esisetyenziswe ngumbhali ekubuyeni kukaMfazwe ejele ngokubhekiselele kwincoko yakhe noGaba? (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10.11 Umbuso omhlophe usebenzise uFriday namahlakani akhe njengesixhobo sokulwa nomzabalazo. Ngqina oku ngokuqhubeke kule ncwadi (2)

10.12 Kube naziphumo zini ukuqhawuka konxibelelwano phakathi koMfazwe noZo? (2)

10.13 Umsebenzise njani umbhali uNokuzola ukudala umsantsa phakathi koMfazwe noFriday? (2)

10.14 Ingaba ukunganxibi kukaFriday isankwana ngelixa aba ahamba nabo bezigungxile kubonisa ntoni ngaye? (2)

10.15 Umbhali uludale njani unxunguphalo kwesi sicatshulwa? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

eduresourceza.com


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO C: IDRAMA**

**IMIYALELO YECANDELO C**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezi**mbini,** ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

**KHUMBULA:** Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C.
Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-390 amagama.

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

Ukutshintsha kwamaxesha kule ncwadi kudale ukungabikho kwemvisiswano neziphumo ezibi. Phuhlisa oku ujonge kokuqhubeka kulo mdlalo u-Amaza. **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| NAMHLA: | *(Ebeka unyawo phezu kwebhokisi)*<br>Tyesi itheni yona le ngathi yeyamajoyini!<br>*(Uya ngasefestileni afike eme)*<br>Hayi ilishwa lomntu ozalwa ngamaqaba!<br>Usikelelwe umntu ongaphathwanga njengenkedama.<br>*(Uya ebhokisini akhuphe ilokhwe yejalimani ayidweze)*<br>Yena lo vunxu usisizothezothe!<br>*(Uyigibisela etyesini ayinyhale ngonyawo)*<br>Ngahle uphele loo mtshatwana iluthuthu.<br>*(Uya efestileni athi engafikanga abuye aphindele ebhokisini egibiselekile afike akhuphe ilema ayidweze)*<br>Esona sambatho sobukhoboka sesi!<br>*(Uyifaka ebhokisini ayinyhale ngolunye unyawo)*<br>Ngathi ndiyazibona ndambathe obu bubhanxa!<br>*(Ungqengqa ebhedini afunde 'Imvo zabaNtsundu')*<br>Uyayichula u 'Mgozi' xa usithi,<br>Sisibetho ukutshata ixathawana ngokunyanzelwa!<br>.................................................................................... |
| LIZO: | Nanku umntu enkqonkqoza! |
| NAMHLA: | (*Etsiba ebhedini*) Ngaphakathi. |


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

| | |
|---|---|
| LIZO: | Shu! Liyatshisa elanamhla Namhla.<br>..............................................................<br>(*Echopha ebhokisini ekhupha isigarethi atshaye*)<br>Baphi abantu? |
| NAMHLA: | *(Esima emva kwakhe emphulula isilevini)*<br>Uxhewu utsibe edolophini. Ixhego lisathunga le lali. |
| LIZO: | *(Esusa izandla zikaNamhla)* Lihambe nabani ixhegokazi? |
| NAMHLA: | Noloqayo apha onguVathiswa. |
| LIZO: | Uyintoni ekhay' apha uVathiswa? |
| NAMHLA: | Mbuze ukuba uyintoni kwamfundisi uZazile, mbuze ukuba ubekwa yintoni na kuyo yonke le mizi. |
| LIZO: | *(Ephakama ekroba ngefestile)* Nqwa noNodabephi othi ekwaZazile abe esekhaya.<br>................................................. |

12.1 Nika indawo athetha ekuyo uNamhla. (1)

12.2 Caphula ibinzana elibonakalisa ukuba ityesi efakwe iimpahla zokwendisa uNamhla, kuye ijongeka njengekumgangatho ophantsi. (1)

12.3 Cacisa okuthethwa ngala mazwi kaNamhla 'Hayi ilishwa lomntu ozalwa ngamaqaba!'. (1)

12.4 Ngqina okanye uphikise uluvo lokuba uNamhla uphethwe njengenkedama. (2)

12.5 Ivuselela yiphi ingcinga le ntshukumo kaNamhla yokudweza iimpahla zakhe? (2)

12.6 Yintlekele okanye sisiyolisi lo mdlalo? Xhasa impendulo yakho. (2)

12.7 Khetha impendulo echanekileyo. Ukweliphi inqanaba lesakhiwo umdlalo ngokwesicatshulwa?

A Inqanaba lengabula zigcawu
B Inqanaba lokuyondelelana kwebali
C Inqanaba lokuvuthwa kwezinto
D Inqanaba lokusonjululwa kwezinto (1)

12.8 UVathiswa lo uvezwa njengomlinganiswa onjani kwesi sicatshulwa? (2)

12.9 Buchaphazeleke njani ubudlelwane babantu basemaBheleni luthando lukaNamhla noLizo? (2)

12.10 Ncoma okanye ugxeke umtshato kaNamhla noSidima. (2)

12.11 Nxulumanisa igama umbhali alithiye umlinganiswa onguNamhla kunye nomxholo webali. (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

12.12 Zoba indima edlalwa nguNodabephi kulo mdlalo. (2)

12.13 Zinto zini EZIMBINI efana ngazo imitshato kaZodwa noNamhla? (2)

12.14 Le ntetho ibukekela *'Ephakama ekroba ngefestile'* isixelela ntoni ngoLizo. (1)

12.15 Umbhali usityhila njani isigqebelo ngoLizo emngcwabeni ka'Sidima'? (2)
**[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Ukunyhashwa kwamalungelo abantu abathile kule ncwadi kudale ukungabikho kwemvisiswano neziphumo ezibi. Phuhlisa oku ujonge kokuqhubeka kulo mdlalo u-'A-a-a! Jongumsobomvu! **[25]**

**OKANYE**

**UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| NDINDWA: | Ingaba Mhlekazi usabambelele na kule nkolo yokuba masibethe nje ngeenduku size siqhube amathokazi kuphela? Ndisitsho nje iintshaba zona azaneli kukuqhuba, zifaka umlilo esikhumbeni sosana, esebhinqa nesendoda ngokungenamkhethe. |
| MAQOMA: | Hayi Tshawe mfondini! Mus'ukwenjenjalo! Yimiphefumlo engenatyala leya. Siyohlwaya nje kuba sifuna abaya baphathi bayo baqiqe, bawazi laa mhlaba ukuba ngumhlaba woobawo, asinakuwunikezela nje ngokwenduku yomnquma. Makungabulawa mntu. Asilwi dabi, nto nje siphuthuma iimpahla zethu. Kodwa ukuba nibonelelwe ngabo bathanda ukulwa ngezi ntonga zabo zibhodla amadangatye, maze **ningalibazisi nani, niqengq' ugod' apho**. |
| NDINDWA: | Ngxatsho ke Mntwan'omhle! Usikhulule kanye ke namhlanje kuba kambe besisoloko sibambe igazi. UNdoyisile, inci le kaBaw'uMNtlane lowa, wangqulwa phantsi zezo ntonga zomlilo, lwangcola ungele kuye. Eyona nto eyasikhathaza kakhulu Mhlekazi yeyokunduluka kwentang'ethu ngokuqutyulwa. |
| MKEYINI: | Lithuba ke ngoku lokuyiphindezela kuloo nkewana iya kuthi isijolise. Leyo ndiya kuze ndiyicele ukuba niyiyekele apha kum ndiyityakatye ngalo Gwaz'emnyamen'agwaz'ethanjeni.<br>(***Atsho ewuthi qhiwu lo mkhonto ewudlikidla egwaza naphantsi.***) |
| MSIKA: | Hi awu! Ha-ha-ha! Khwelela nyangazandini wafa zizinja zikaJongumsobomvu! |
| MAQOMA: | Wafaka umntu na Tshezi endaweni kaNdoyisile kwiSivunduvundu esi? |


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

14.1 Xela isiganeko esikhokelele kwintetho kaNdindwa engenkolo yoMhlekazi. (1)

14.2 Caphula ibinzana elibonakalisa ukuba ukuhlasela kwabamhlophe kwakutshayela kwanto. (1)

14.3 Inkolo yomhlekazi ekhankanywe nguNdindwa isivezela ntoni ngesimo sakhe? (2)

14.4 Khetha impendulo echanekileyo. Ukweliphi inqanaba lesakhiwo umdlalo ngokwesicatshulwa?

A Inqanaba lokujiya kwebali
B Inqanaba lengabula zigcawu
C Inqanaba lokuvuthwa kwezinto
D Inqanaba lokusonjululwa kwezinto (1)

14.5 Ngqina uluvo lokuba uMaqoma ebengenazinjongo zakuphalaza gazi. (2)

14.6 Cacisa ukuba le 'miphefumlo ingenatyala' yeyoobani? (1)

14.7 UMkeyini lo uvezwa njengomlinganiswa onjani kwesi sicatshulwa? (1)

14.8 Ukuhlaselwa nokubiwa kwemfuyo yabamnyama ngabamhlophe kubuchaphazele njani ubudlelwane babo? (2)

14.9 Ulusebenzise njani uKondile ulwazi lwakhe ngamaXhosa ukusengela phantsi iinjongo zikaMaqoma zokukhusela umhlaba wamaXhosa ekubhunyulweni ngabamhlophe? (2)

14.10 Nxulumanisa igama umbhali alithiye umlinganiswa onguMaqoma kunye nesikhundla abekwe kuso. (2)

14.11 Susela kwintetho kaMsika usizobele ubunyangaza obenziwe ngamadlagusha kule ncwadi. (2)

14.12 Ncoma OKANYE ugxeke indima edlalwe ngabefundisi ekufikeni kwabo kumhlaba wamaXhosa. (2)

14.13 La mazwi kaMsika 'Khwelela nyangazandini wafa zizinja zikaJongumsobomvu!' aveza yiphi imvakalelo yesithethi? (2)

14.14 Chaza umsebenzi wamagama abhalwe bukekela kwesi sicatshulwa? (1)

14.15 Ngesivakalisi ESINYE nika umxholo wale ncwadi. (1)

14.16 Usebenzise buchule buni umbhali ukuze isiphelo sale ncwadi singabi sibi kakhulu? (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from eduresourceza.com